WOH 485

Uqingqo – mali - Cinga ngemali ngokweBhayibhile

Ezobomi - uqingqo – mali - ulawulo mali

Ezomphefumlo – Cinga ngemali ngokwaseBhayibhileni

Isihloko esiyintloko – Ubuchule obusebenzisekayo

Isihlokwana – Izimali

Isiqulatho sezobomi : Indlela yokulungiselela nokusebenzisa kakuhle imali onayo

Isiqulatho sezomphefumlo : Themba uThixo , sebenza nzima , yaneliseka ube nesisa.

Isalathiso : Izenzo 2 : 44 – 47

Ingongoma-sifundo : IBhayibhile isifundisa ngendlela yokuphatha imali

THANDOKAZI : Molo mphulaphuli , namhlanje kwinkqubo yethu iAmanenekazi eThemba siza kumamela ingxoxo phakathi kwababini esiza kubabiza ngokuba ngu A no B ngokunxulumene noqingqo mali , aze yena uThembelihle asiphakulele kwezakwaLizwi ngalo mba.

A : Molo B .Zihamba njani izinto ngakuwe?

B : Usapho luphilile , enkosi , nesitiya sinika ukutya kodwa imali yona isoloko inqongophele , singakwazi ke ngoku ukuthenga iimpahla ezinxitywayo , ukuhlawula isikolo, nezinye izinto yinto andithethi ke ngamatyala asoloko ekhongozele.

A : Uninzi lwethu luziva ngolo hlobo ! Kodwa ungathanda ukuva iingcamango malunga nokulawula imali yakho kangcono?

B : Ewe , ewe, ndimamele!

UMCULO WOKUNGENA

THANDOKAZI : Molo mhlobo , Unjani ? NdinguThandokazi noThembelihle ukho siza kuba nawe kwinkqubo yAmanenekazi eThemba.

THEMBELIHLE : Molo , enkosi ngokuba nathi. Ngaba uzihlupha njalo ngemali ? Ungathanda ukuncedwa ngendlela yokulawula imali yosapho ngendlela engcono? Ndicinga ukuba abaninzi kuthi bangaluvuyela olo ncedo. Masimamele kwakhona laa ncoko iphakathi kuka A no B sizozivela ngokwethu iingcebiso zika A ku B .

UMCULO WOKUNCOKOLA

A : Ndifunde ukuba xa kushiyeke imali emva kokuthenga ukutya nempahla yokunxiba , okanye xa sikwazile ukuzibekela imadlana kuyimfanelo ukuba siyenze isisebenzele.

B : Uthetha ukuthini xa usithi 'isisebenzele' ?

A : Akusoloko kulula , kodwa ukuba unakho , thenga into eza kuzisela imali.

B : Utsho mhlawumbi , le nto ndayenzayo yokuthenga amantshontsho ? Kuba ekuhambeni kwexesha ayazalela sibe namaqanda esinokuwatya , amanye siwathengise ze sizuze ngawo, kuba siba nemali eyongezekileyo.

A : Ewe , ngumzekelo omhle lowo wokwenza imali. Umntu onemali engaphezulu angathenga izabelo kwishishini ze abe nenzala kuzo. Unyana wam uthenge ibhayisekile, ubiza imali ngokuthutha izinto zeevenkile ngayo. Okanye , ungakwazi ukuzithengela umashini wokuthunga wenze impahla onokuyithengisa.

B : Oh..ingantle loo nto ! Ndafunda ukuthunga esikolweni , kwaye ndandithunga kakuhle. Kodwa andingekhe ndibe nemali eyaneleyo yokwenza oko .

A : Kwiindawo ezithile , kukho iibhanki okanye imibutho eyodwa ebolekisa ngemali encinane ukuhlangabezana neemfuno zabantu abanje ngawe. Bafuna inzala engephi kuwe xa ubuyisa imali yabo oyibolekileyo , inzala yayo isetyenziselwa ukunceda omnye. Kanti ke bayakuvumela uthathe enye imali kwakubo xa usayidinga.

B : Kuvakala nje ngecebo elihle oku , mhlobo , kodwa ixhala lam kukuba mhlawumbi ndingangakwazi ukuyibuyisa imali yabantu.

A : Ewe , phofu kungafuneka ucingisise kuqala , ze ucwangcwise izinto kakuhle. Andithi kaloku awungekhe uyisebenzisele ukuthenga ukutya okanye ezinye nje izinto ezivele ziphelele emoyeni . Ngolo hlobo awungekhe ukwazi ukuyibuyisa imali yemboleko.

B : Kungafuneka ndisebenze nzima ukuze ndikwazi ukuyibuyisa .

A : Kungcono ukuyincokola nosapho kuqala xa ikhona indlela. Mhlawumbi bakukucebisa Okanye kubo angakho onokukuboleka le mali. Endaweni yokuboleka imali enenzala , ungakwazi ukugcina encinane emvuzweni iveki nganye, kuze emva kweenyanga ezimbalwa unganemali eyaneleyo enokwenza ube nokuzixhobisa ngemali ekunika inzala .

B : Oko kungenzeka xa ndinokuceba kakuhle. Ma ndiyivume inyani ngokuba ngamanye amaxesha ndiyichitha imali kwizinto ezingabalulekanga . Ndisuke ndibone nje okuthile ndithenge ndingacinganga .

A : Heke…. Kulapho ke uqingqo – mali kuluncedo khona.

B : Ungandichazela kabanzi ngalo mba woqingqo – mali

A : Uqingqo – mali licebo lemali eliyindlela olungiselela ngayo imali. Uqala ngokuqikelela ukuba mhlawumbi wamkela malini na ngeveki. Ilula loo nto ukuba uqashiwe , unomvuzo , kunganzima xa ufumana imali eyahlukileyo iveki neveki , apho ke ungazama ukufumanisa ukuba umndilili yimalini ngeveki . Ungakwenza oku ngokujonga iiveki ezilishumi ezidlulileyo ze udibanise imivuzo yezo veki . Uze ke ngoku elo nani ulifumeneyo wahlule ngalo. Oko kungakunika ufifi lokuba uchitha malini ngeveki.

Emva koko ungaphinda futhi usebenzise ezi veki zilishumi nje ngomzekelo , ukhangele ukuba ngaba uchithe mali ni kwizinto eziyimfuneko namatyala. Kwakhona ungazidibanisa ezi nkcitho ufumane inani elipheleleyo ze ulahlule ngalo. Nale iza kukunika inani lokuba uchitha kangakanani na ezintweni eziyimfuneko. Ungabona ngokunjalo imali oyisebenzisela ukuthenga ukutya, umbane nempahla enxitywayo.

Ndiyathemba ukuba umvuzo wakho ungaphezulu kwenkcitho yakho! Ukuba inkcitho ingaphezulu , ungazibona usematyaleni. Ingathi ngowuzibhenca ujonge ukuba ngaba ikho na into oyichithela imali kodwa ungayidingi kangako. Mhlawumbi usebenzisa imali eninzi ezimpahleni …. Okanye ecubeni.

B : Ndicinga ukuba ndiyayimosha imali ngamanye amaxesha. Ndikhe ndiyichithe ngokungakhathali kuba ndizibona ndihluphekile , ndiba nomona ngabantu abanemali eninzi. Ndithi ke xa ndibona ngathi kukho uchatha ngaphezulu , ndiyimoshe leyo oku kokuba ndizive ndisisityebi okomzuzwana.

A : Ewe ndiyakuqonda oko! Yingxaki eqhelekileyo . Sonke bethu siyakuthanda ukutendeka. Abantu abanokuncinane basoloko benenkcitho engenabulumko , kanti ke nabo abafudumeleyo emalini ngamanye amaxesha bayabhideka bamoshe ngemali. Noko kunjalo , ukuba unethemba lokuba ungaphuma entluphekweni ube nemali engaphezulu , ukuba ungabona indlela yokonga ugcine imali ukuze uthenge okuthile okuza kuba yingeniso , ungaqala ngoku utshintshe indlela ochitha ngayo imali yakho. Uqingqo-mali lungaluncedo.

B : Kulungile ke , xa sendibalile ndafumanisa indawo endikuyo malunga nomvuzo nenkcitho yam. Ndenza ntoni emva koko ?

A : Ke ngoku uyaplana ukuba uqala uhlawule ntoni . Beka ecaleni imali qho ngeveki , le mali iza kuhlangabezana neemfuno ezingundoqo, nje ngokutya nempahla okanye indawo yokuhlala , amatyala ezidingo ngqangi nje ngombane nalawo ozenzelayo. Zama ukubhatala amatyala akho ngokukhawuleza kangangoko unakho , ngakumbi xa unokuqala ngelinenzala kumatyala onawo.

B : Umama wam wayengakwazi nokubhala , kodwa wayeba neebhotile azidwelisayo. Kule ibhotile wayefaka imali yokuthenga ukutya , kwenye afake imali yezibaso ze kwenye afake eyeendleko zesikolo njalo njalo. Aze ke ngoku abe nenkonkxa agcina kuyo imali eseleyo. Ndandiyithanda ke le plani kamama ngakumbi inkonkxa le kuba yayinomzobo wamantshontsho ekati ngaphandle esicikweni . Xa kukho imali ‘’kwinkonkxa yamantshontsho’’ ibisetyenziselwa kuthi inxalenye yayo , kodwa eninzi kuyo ibigcinwa. Bekuthi xa kuphela inyanga ayifake kwi akhawunti yakhe yebhanki.

A : Intle loo nto , yindlela elula yokulungiselela nokuhlela izinto ophumelelayo ukuzenza. Umama wakho wayekulindela okungalindelekanga nje ngeendleko ezivelayo nje ekungazini. Okulandelayo ke ngoku kukuba ubhale phantsi imali oyizuzileyo naleyo oyisebenzisileyo, ujonge ukuba xa uzithelekisa ngaba konke kuhambe ngendlela obe uyilungiselele na

Kungafuneka mhlawumbi emva kweeveki ezimbalwa ukuba uhlengahlengise izinto ukuze iplani yakho isoloko isebenziseka. Ingakuncedisa le nkqubo ekubeni umane ufunda kuyo amacebo athile akhokelela kwinto yokuba ube nemali ngakumbi , ingakunceda ukuba ungayimoshi imali. Uza kude uyixabise indlela olungiselela ngayo okanye uqingqo – mali , ngakumbi nje ngokuba iye ikhula le iselugcinweni .

B : Kuqhelekile ukuba ndibe nokuzazi ukuba ndinakho okanye andinakho ukuba nezinto. Ndiqinisekile ukuba ndingaziva ngcono xa ndisazi ukuba imali yam ndiyisebenzise ngobulumko.

A : Xa sijonga jonga , kukaninzi sifumanisa ukuba baninzi abanemeko emandundu kuneyethu nokuba sihlupheke kangakanani na. Xa sizimisele ukutshintsha iindlela esiphatha ngayo imali endaweni yokuphel'ithemba , singabanceda abo abaxakene neyabo ekwanzima. Kuba oko kusenza sizive ngcono ngaphakathi , ze wonke ubani ancedakale.

B : Yinyaniso leyo . Kwaye iyasebenza nasezitiyeni ngokunjalo. Xa sinohlobo olunye kuphela lweziqhamo okanye imifuno sithanda ukuphisa ngenxalenye . Kanti nabanye abanokuninzi benza ngolo hlobo kuthi. Sixhamla sonke kunye . Ndifumanisa ukuba ubuhlobo buxabisekile kunemali . Singancedisana nje ngosapho , nokuba usapho alukho kufutshane.

A : Uthetha izinto ezibalulekileyo ngoku B ….sisifundo esihle nesibalulekileyo kum eso.

B : Ndiyakubulela ngeengcebiso zakho ezintle malunga nemali . Ndiza kuzisebenzisa ngokuzimisela okukhulu.

UMCULO

Ndingu Thandokazi , ndikunye noThembelihle , abahlobo bakho kwinkqubo yAmanenekazi eThemba; uThembelihle uza kusincokolela ngoqingqo – mali ngokuxelelwa ngumhlobo wethu uWelile.

THEMBELIHLE : UWelile uthetha enjenje ngoqingqo –mali . Abantu bayiphatha ngokohlukeneyo imali, akunjalo ? Bambi , ngamaqonda ndleko , bakuthiyile ukuchitha imali , kanti abanye bangabachithi mali . Ngaba uwela kweliphi icala ngokwendalo yakho ? Uliqondandleko okanye umchithimali . Ubusazi mphulaphuli ukuba iLizwi likaThixo linento eninzi eliyithethayo ngendlela esiphatha ngayo imali ? Ma siqale ngokwazi ukuba yonke into esinayo ivela kuThixo owadala izulu nomhlaba . Sifanele ukuba sibe nombulelo nangendlela esizisebenzisa ngayo izipho zikaThixo.

THANDOKAZI : Kukho imizekeliso emikhulu ebhayibhileni. Ndithanda lo ke mna …''Yiya embovaneni , vilandini ; Khangela iindlela zayo , ulumke: ''(Imizekeliso 6 : 6) Inqenerha

ngumntu odangeleyo , ocothayo nolivila nje ngenkumba encinane . Kodwa iimbovane zisebenza nzima nyhani , andithi , zizisa ukutya ekhaya, zikugcinela ixesha lasebusika.

THEMBELIHLE : Ungalikhupha litsole uthi , iimbovane ziyalwazi uqingqo – mali kwaye zilusebenzisa kakuhle!

THANDOKAZI : (Ehleka) Nanku omnye umzekeliso… ''Uba lihlwempu osebenza ngesandla esidangeleyo ; Ke sona isandla sabakhutheleyo siyatyebisa . ''(Imizekeliso 10 : 4) Ithi into , kufuneka sisebenze nzima , singonqeni.

THEMBELIHLE : Ebhayibhileni kukho incwadi ebhalwe yinkokheli uPawulose , kuTimoti ongumsebenzi oselula ecaweni. Kha uphulaphule ingcebiso kaPawulose :
''Ke kona ukuhlonela uThixo , kundawonye nokwanela , kusekeleze inzuzo enkulu. Kuba sibe singangenanga nanto ehlabathini ; kuyabonakala kananjalo ukuba asinakuphuma nanto. Sinento ke edliwayo neyambathwayo , masanele zezo zinto. Ke abo banga bangaba zizityebi , beyela ekuhendweni , nasesibatheni , nasezinkanukweni ezininzi ezibududenge ezenzakalisayo; zona zibatshonisayo abantu ekonakaleni,nasekutshabalaleni. Kuba ukuthanda imali yingcambu yeento zonke ezimbi : abathe abathile , ngokuzolulela kuko, balahlekana nokholo , bazibhodloza ngobuhlungu obuninzi.'' (1 KuTimoti ; 6 : 6 – 10)

THANDOKAZI : Ndicinga ukuba yingcebiso entle leyo , yaneliseka koko unako. Sukunyoluka oko kungakushenxisa kwiindlela zikaThixo. Ngaba ucinga ukuba oko kuthetha ukuba ma singalingi na ukuziphucula ? … Hayi masisebenzele ukukwazi ukubonelela iimfuno zethu , kodwa masikwenze oko ngendlela eyonwabisa uNdikhoyo. Kodwa kutheni kufuneka sonele , xa sibona abanye abantu benemali nokunye okuninzi kunathi ?Ukhe ube nomona nobukrakra yile meko? Nanga amanye amazwi obulumko esiwafumana ebhayibhileni ''Isimilo senu masibe sesingathandi mali , yanelani zizinto eninazo; kuba etshilo yena ukuthi , Andiyi kukha ndikuyekele ; wabuya wathi , Andiyi kukha ndinishiye;''(kumaHebhere 13 : 5) Xa usazi ukuba uThixo unawe kwaye ukukhathalele , kuyanceda oko , kuba uyaneliseka.

THEMBELIHLE : Ewe , intliziyo yakho iyakhululeka , utsho ugqale kuYehova ndaweni yemali, ude ube nobubele. Makhe sinibalisele kwakhona ngabalandeli bakaYesu , okuya wayesemhlabeni malunga namawaka angama 2,000 eyadlulayo.

Yayingamaxesha obunjovane , avuselelayo lawo. UYesu Krestu waphila ubomi obugqibeleleyo , efundisa ngoThixo. Wabethelelwa emnqamlezweni , ethabathela kuye iizono zehlabathi , ukuze abo abakholelwa kuye balungele uThixo . Kodwa uThixo wabuya wamvusa ekufeni ; waza waphinda walishiya eli hlabathi kwakhona , wabuyela ezulwini. Abalandeli bakhe babeqinisekile ukuba yayinguye isithunywa sesithembiso sikaThixo esihle kakhulu, size ngobuqu bobuntu. Abalandeli bakaYesu , amaKrestu okuqala , babezele ngumoya oyiNgcwele kaThixo , behambisa iVangeli ukuze babe baninzi abakholwayo kuYesu. Mamela uve ukuba iLizwi likaThixo , ibhayibhile lisixelela ntoni na ngobomi babo bekunye :

''Bonke ababekholwa babendawonye , benobudlelane ngeento zonke . Baye bathengisa nangemihlaba nangempahla yabo , besabela bonke abantu , njengoko ebethi ubani aswele ngako.Babezingisa ukuhlala bemxhelo mnye etempileni imihla ngemihla , beqhekeza isonka

kwizindlu ngezindlu , besidla ukudla benemigcobo , benolungelelwano lwentliziyo, bemdumisa uThixo , benonelelwe ngabantu bonke. Yaye iNkosi isongeza abasindiswayo imihla ngemihla kulo ibandla.''(Izenzo 2 : 44 – 47)

THANDOKAZI : Abavakali nje ngabantu ababonwabelene na aba mphulaphuli ? Babeqinisekile ukuba uThixo unabo . Babengabunanzanga ubutyebi konke , konke , babefuna nje ukuxelela wonke ubani ngoYesu.

THEMBELIHLE : Kunjalo . Kodwa babengagqibelelanga , nje ngokuba nathi sinjalo namhlanje emva kwexesha baqalisa nabo ukuxabana ngokuba nguwuphi na kubo ofumana uncedo kakhulu. Iinkokheli zonyula amadoda ahloniphekileyo ukuba ajonge ukuba bahlulelana kakuhle ngokutya. Ke ngoku emva kwexesha kwabakho indlala , amakholwa eYerusalem anqongophalelwa kukutya nemali.

UPawulose wayengomnye weenkokheli zabo. UPawulose lo wayetyhoboze kumazwe amaninzi nje ngomntu owayesoloko esendleleni , wafikelela naseGreece , exelela abantu ngeendaba ezimnandi zikaYesu. Uninzi lwabantu lwakholwa , kwaye babehlangana ndawonye emakhayeni abo bekhonza uThixo. uThixo wawanika isiprofeto , ebalumkisa ngendlala ezayo. Akuva ngale ndlala , la makholwa matsha ayefuna ukunceda awaseYerusalem. Babenombulelo omkhulu kula aseYerusalem , kuba ngawo awayezise iindaba ezilungileyo zikaYesu eGreece. Babefuna nyhani ukwabelana nabaseYerusalem. Baqokelela imali bayinika uPawulose neqabane lakhe uBhanabhas , ukuze bayise eYerusalem (Izenzo 11 : 29 – 30).Ekufikeni kwabo eYerusalem uPawulose noBhanabhas bayahlulela imali phakathi kwabo ababedinga uncedo. (Izenzo 24 : 17)

THANDOKAZI : Intle loo nto , ukuba amakholwa anemali ayezimisele ukunceda abo babengenayo.

THEMBELIHLE : Ewe , kodwa nabo ababehluphekile babenesisa . Ma ndinifundele okubhalwe nguPawulose ebalisa ngeenkonzo eziba semakhayeni eGreece . ''Ke kaloku bazalwana , siyanazisa ubabalo lukaThixo oluhlakaziweyo phakathi kwamabandla akwelaseMakedoni ; okokuba ekucikidweni kwawo okukhulu yimbandezelo , kuthe ukuphuphuma kovuyo lwawo , nobuhlwempu bawo obendeleyo , kwaphuphumela ekutyebiseni ukunyanisa kwawo. Ngokuba ndiyangqina ukuba bathe , ngokwamandla abo , ewe nangaphezu kwamandla , banikela ngokuqhutywa yintliziyo, besikhunga , besibongoza kakhulu , ukuba silwamkele ubabalo olo , ubudlelane ke obo bokulungiselela abangcwele. Abanelanga kwenza njengoko sathemba ngako ; bathi kuqala bazinikela eNkosini , baza kamva bazinikela nakuthi ngokuthanda kukaThixo.'' (2 kwabaseKorinte 8 : 1 – 5)

THANDOKAZI : Bububele obukhulu obo , andithi…xa ukwazi ukunikela ngento eluncedo kuwe ? Ibonakalisa ukuba babemthanda uThixo ngenene nangenyaniso kwakunye nabantu Bakhe . Kuyinto eqhelekileyo ukuba ungafuni ukwahlukana nento le onendlela yokuphinda ube nayo. Aba bantu bazincamela ukunceda abantu abangazanga bababona , kuba babedityaniswa lukholo lwabo kuYesu.

THEMBELIHLE : Unyanisile Thandokazi , eso sisizathu senkathalo yabo. UPawulose waqhubeka nokubhala wenjenje ;' abanelanga kwenza njengoko sathemba ngako; bathi

kuqala bazinikela eNkosini , baza kamva bazinikela nakuthi'..(v5.)uyabona ukuba abaseMakedoni bazinikela kuThixo ngeentliziyo zabo zonke , noThixo waziguqula iintliziyo zabo kuba babezimisele ukubonakalisa ububele nyhani, nje ngokuba enjalo uBawo uYesu wayengumzekelo wabo kubo. Yiva ukuba uPawulose ubhale wathini na ngokulandelayo : 'Okokuba yathi , ibisisityebi nje , yaba lihlwempu ngenxa yenu , ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bayo obo ' (v9) Masicingisise la mazwi… Kuthiwa uYesu wayesisityebi ; kodwa apha emhlabeni wayengenakhaya elilelakhe , engenamali. Wayesisityebi esinjani ke ?

THANDOKAZI : Ndicinga ukuba oko kuthetha ukuthi uYesu wayemkhulu ezulwini phambi kokuba eze emhlabeni nje ngomntu. Kha ufan'ucinge ubuqaqawuli obunjalo. Kodwa wancama konke weza emhlabeni ukuze sibuyele kuThixo .

THEMBELIHLE : Kha utsho wasenza izityebi njani ke ngoku thina ? UThixo ummo wakhe akakuphi imali ngobunjalo bayo ! Hayi , kodwa sityebile ngokwenene ezintliziyweni nasezingqondweni kuba siyazi ukuba uThixo uyasithanda , xa silungile kuThixo , ukuba siyamthemba , kwaye siyazi nokuba sinekhaya elisezulwini elisilindileyo. Khumbula okwabhalelwa uTimoti nguPawulose … ''Sinento ke edliwayo neyambathwayo , masanele zezo zinto ''

INGOMA

THANDOKAZI : Sithethile namhlanje ngezinto ezohlukeneyo apha kwinkqubo yAmanenekazi eThemba , anditsho ? Kodwa eyokuqala ibe kukusebenza nzima nangokuzingisa okukhulu…

THEMBELIHLE : ..Nje ngembovane andithi ! nokuvalela imali ukulungiselela ikamva lakho. Uyakwenza oko wena mphulaphuli okanye uyabhubhisa nje wena yonke into ephambi kwakho ?

THANDOKAZI : Uqingqo – mali nokulondoloza imali kakuhle ngokuyigcina enye , kungasincedisa ekubeni sikwazi ukubonelela usapho ngeemfuno.

THEMBELIHLE : Sicamange nangokwaneliseka , ukukholwa nje zizinto ezilula ezingephi , hayi ukuyila ubutyebi njee nangoluphi na uhlobo olufikelelekayo. Xa sithanda imali ngaphezulu kukaThixo kungasifaka engxakini , mhlawumbi side singahoyi iintsapho zethu , sizibhakaxe ezintweni ezisibeka emngciphekweni , okanye singanyaniseki , ukuze sibe nemali. Kodwa xa ndimthemba uThixo ,ndikhumbula nokuba unam imini yonke, yonke imihla, oko kundinceda kwinto yokuba ndikholiseke. Saza ke ngoku sancokola nangamakholwa kaYesu amandulo, awayesabelana ngako konke awayenako …. iLizwi .

THANDOKAZI : Yazi iyandiguqula, mandithi iyanditshintsha nyhani le nyaniso , xa ucinga ukuba babenikela ngesisa nakubeni babenokuncinane bona kuqala. Kukulinganiso uYesu xa usenza ngohlobo , anditsho ?

THEMBELIHLE : Masikhumbule ukuba xa simthemba uThixo , sisebenza kakuhle., sigcine nje kuphela oko sinako.

THANDOKAZI : Sibe nombulelo , saneliseke .. Sibe nesisa kuba uThixo ube nobubele ngathi !

UMCULO

THANDOKAZI : Sala kakuhle , uThixo akusikelele!!

BOBABINI : ZIYOLISE NGOYEHOVA !